KHANGELA: UKUTYALA IMALI IRENTE

LA NGAMANYATHELO EKUFUNEKA ALANDELWE UBHATALE LWEMALI YERENTE OYITYALAYO

Indlela yofuna imali yerente etyalwayo iqalwa ngumastandi ngokuthumela "incwadi yokufuna" ecela ubhatale imali oyityalayo. Angakuthumela lileta zibeliqela.

Ukuba akubhatalwanga emva kwaleleta yokufuna, umastandi angaqala amalungiselelo okusa kwinkundla yamatyala ukuze uzobhatalala.

Uzoyazi kwenzeka ntoni xa iqalile inkundla yamatyala kuba unothimba uzokuphathela isamani. Isamani ngamanye amaxesha ibizwa nge "Rent-interdict Summons".

Xa isamani ikhutshiwe, unothimba uzobhala yonke impahla onayo kunye nexabiso yayo.

Ngokolwimi lomthetho, ibizwa ukuba kukuncamathisela. Unothimba wenza lento ngoba ngokomthetho kukhona into ebizwa njenge "tacit hypothec" kamastandi emnika amanye amalungelo kwiimpahla zakho ukhusela imali omtyala yona. Lento ayithethi izinto zakho zizithathwa zithengiswe naninina. Unothimba uvumelekile uzibala, kodwa xa iyinkundla yamatyala enikezele lomyalelo woba utyala umastandi wakho imali kwaye kufuneka zithengisiwe uzama ubuyisa imali oyityala umastandi.

You have **10 working days** from when the sheriff gives you the summons to formally indicate to the court and to the landlord or landlord's attorney whether you want to defend the summons. You do this through a **notice of intention to defend**..

Ukuba awunalo iqwetha uzobona kwisamani kukho icandelo elithi isaziso senjongo yokuzithethelela. Ungabhala kwelicandelo kwaye wenze iikopi zelophepha qha uze uyoyinika umastandi wakho/igqwetha lika mastandi kwaye kufuneka uyenika nonobhala wenkundla.

IZIZATHU ZOKULWA ISAMANI:

- AWUVUMELANI NEMALI ATHI UMASTANDI UYAMTYALA
- AWUMTYALI NTO UMASTANDI
- UNELINYE ICALA LOKUZITHETHELELA KWEZI ZITYOHOLO

Ukuba awuzithetheleli ityala lakho lingekayi kwinkundla yamatyala, umastandi angafuna into ebizwa ngokuba yi default judgment. Kulapho wohlwaywa khona kuba ungakhange uzithethelele.

Ukuba uyazithethelela kule samani, okulandelayo kukufayila izibongozo apho uxela icala lakho loba kwenzeke ntoni kwaye kutheni usithi awutyali umastandi mali.

Ukuba awufaki isicelo, umastandi angakwazi ukuya enkundleni ayofuna isigwebo esingaggibekanga.

Yazi ukuba inkqubo yokufuna imali yerente yohlukile kwinkqubo yokukhupa. Isamani inganikezelwa ngexesha elinye nesicelo sokukhupha, kodwa zohlukile ekufumaneni izinto ezimbini ezohlukeneyo (ukubhatalwa kwemali yesamani neyokukhupha kwicala lwenkqubo yokukhupha). Nokuba ukhutshiwe ayitshintsi ilungelo likamastandi zokuba afumane imali omtyala yona ngexesha ubuhlala endlini yakhe ngokwesivumelwano sokuqeshisa.

NDIFUNA UKWAZI

Yazi, ukuba esi sisiqalo senkqubo kwaye kufuneka uyofuna kuncedo lomthetho ukubheka phambili.